# VAKALISA ULUVO LWAKHO!
# ISICWANGCISO ESILUYILO SONYAKA SOBUPOLISA SESEBE LAMAPOLISA ENQILA YESIXEKO SASEKAPA (CTMPD) SOWAMA 2026/2027

Die Stad Kaapstad se metropolitaanse polisiedepartement nooi jou om saam met ons ʼn jaarlikse polisieplan vir die tydperk Julie 2026 tot Junie 2027 op te stel.

**ISicwangcido soNyaka sobuPolisa siyakuthi sijolise kwizigunyaziso zomthetho ezintathu zeSebe ezinjengezonyanzeliso lomthetho kwizithuthi endleleni, ukunyanzeliswa kwemithetho kamasipala nothintelo lolwaphulomthetho apho kujoliswe ngakumbi ekupheliseni oku kulandelayo:**
- Imisebenzi emalunga nobugebenga obucwangcisiweyo
- Ukwaphulwa koMthetho ongoLawulo lokusetyenziswa kweMipu/ukudubula onguNomb.60 wango 2000
- Izenzo ezimalunga nokusetyenziswa kakubi kotywala neziyobisi
- Ukuhlukunyezwa (ukuxhatshazwa) kwamabhinqa/amanina nabantwana
- Izenzo zolwaphulomthetho kamasipala ezinjengokulahla uvobe/inkunkuma ngokungenankathalo
- Ukwaphulwa kwemigaqo engezithuthi ezindleleni nomonakalo kwizithuthi

**Kwakhona siyakuqhubekeka ukuqinisekisa uthintelo lwethu kulwaphulomthetho kwezentlalo nokusungula amaphulo angeteknoloji afana nala alandelayo:**
- Iinkqubo ezijolise kulutsha engezoqeqesho kubupolisa
- Iinkqubo ezingokukhempisha zolutsha
- Ukubek'iliso kwikhamera esekhusini engomabonakude nokusabela ingxaki
- Ukumiselwa kwezobupolisa ngexesha likaxakeka lolawulo lwengxaki (iEPIC)

Ngokwecandelo 17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweziMali zikaMasipala ongunomb.56 wango 2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso ukususela ngowama29 kuCanzibe (Meyi) ukuya kowama29 kweyeSilimela (Juni) 2026.

**Nceda ugqithise uluvo lwakho, izilungiso neziphakamiso kwiSebe, ngenye yezi ndlela zilandelayo:**
- Ngeimeyile: MetroPolice.APP@capetown.gov.za
- Ngesandla okanye ngokwakho: Kwiibhokisi zokungenisa uluvo kulo naliphina kumaZiko eeNkonzo zoLuntu eSebe lobuPolisa leNqila yaseKapa

**AmaZiko eNkonzo yoLuntu yobuPolisa yeNqila yaseKapa, afumaneka kwezi ndawo zingezantsi apha:**
- UMmandla oseMntla: kwiKona yeJakkelsvlei Avenue neHoneysuckle Street, eBonteheuwel
- UMmandla oseMazantsi: Rochester Road, ePhilippi (kwisakhiwo esidala sabakwaTelkom)
- UMmandla oseMpuma: kwiKona yeGovan Mbeki neSteve Biko Roads, Mandela Park, eKhayelitsha
- Ummandla oseNtshona: kwikona yeStrand neHudson Streets, embindini waseKapa
- CTMPD HQ: kuMgangatho we4, 101 Hertzog Blvd, eKapa

Intlanganiso yokufundisana (iwekshophu) iyakuthi iqhutywe kwisithuba senyanga engeyeSilimela 2026, nabachaphazelekayo, abangaba balandelayo:
- AbeeNkonzo zobuPolisa baseMzantsi Afrika
- Iiforamu zoLuntu ezingobuPolisa
- Amasebe angaphakathi eSixeko saseKapa

**IYunithi yeSixeko engeNtathonxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba ifumane izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kwiSixeko. Qhagamshelana noAnathi Dywili kwa021 400 9825 okanye kwa anathi.dywili@capetown.gov.za**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA112/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**